URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Julian J Gordon**
ICandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo
Julian.Gordon@westerncape.gov.za | 021 467 2876

Inombolo yefayili.: 3/3/2/4/4
Isalathiso:: 20240229-2090

ISetyhula: 0015/2024
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu/kuBaphathi bamaCandelo nakwimibutho yabaqeshwa eyaziwayo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqaliswa kokusetyenziswa kwe-Form Z56 efakelwe izilungiso yokutshintsha iinkcukacha zebhanki kunye nokurhoxiswa kokusetyenziswa kwee-afidavithi ngokubhekiselele ekubhankisheni kumaziko aziibhanki nokwenza imicimbi yebhanki ku-intanethi ngekhompyutha (virtual banking) ukulwa ubuqhetseba.*

**ISihloko: Ukuphunyezwa kwezinye izilungiso ezifakelweyo kwi-*Form Z56* kunye nenkqubo apho abasebenzi batshintsha iinkcukacha zabo zebhanki**

1. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0020/2002, yomhla we-14 Februwari 2002, iSetyhula 0120/2003, yomhla we-07 Meyi 2003, iSetyhula 0036/2006, yomhla we-30 Juni 2006, kunye neSetyhula 0075/2021, yomhla we-19 Novemba 2021, ngokumalunga nemfuneko yokudiphozitha yonke imivuzo neentlawulo ngqo kwii-akhawunti zebhanki zabaqeshwa. Le setyhula yenzelwa ukutshitshisa nokuthatha indawo yeSetyhula 0020/2002, 0120/2003 neSetyhula 0036/2006 nezinyanzelisa ukusetyenziswa kweefom okanye iinkqubo ezimalunga nokuhlawulwa kwemivuzo ngqo kwii-akhawunti zebhanki zabaqeshwa.

2. Inkqubo yangoku yokwazisa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) ngotshintsho lweenkcukacha zebhanki ifuna abaqeshwa basayine i-*Form Z56* phambi koMfungisi (*Commissioner of Oaths*) ukungqina ubunyani beenkcukacha zebhanki zabo. Nangona kunjalo, ngaphandle kwalo mqathango wolawulo, ubunkintsela kubantu abenza ubuqhetseba bubangele ukuba kube yimfuneko ukomelezwa ngakumbi kwenkqubo yeenkcukacha zebhanki.

3. I-Form Z56 ehlaziyiweyo ifuna iinkcukacha zesuphavayiza yomqeshwa, zomphathi wecandelo okanye zenqununu. Ikwafuna nommeli webhanki apho i-akhawunti igcinwe khona ukuze ingqine ukuchaneka kweenkcukacha zebhanki ezinikiweyo.

4. Ukufakwa kweleta yokuqinisekisa iinkcukacha zebhanki evela ebhankini kuhlala kuyimfuno emiselweyo njengoko iinkcukacha zebhanki zingayi kufakwa okanye zitshintshwe kwi-*PERSAL* ngaphandle kwayo. Akukho zisignitsha zekhompyutha ziya kwamkelwa.

5. I-*Form Z56* mayinikwe iCandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo ngokuqala kugqithwe kwisuphavayiza yomqeshwa, kumphathi wecandelo okanye kwinqununu. Into eyahlukileyo koku kukusiwa ngesandla kwe-*Form Z56* namaxwebhu ahamba kunye nayo kwiZiko i-*Walk-In Centre* le-Sebe i-*WCED* ngumqeshwa ngokwakhe. Umqeshwa kuya kufuneka aveze isazisi sakhe

esinebhakhowudi *(ID)* okanye ikhadi le-*Smart ID* kwigosa le-*Client Services* ukungqinisisa amagama akhe aze enze ikopi yoko emayihambe kunye ne-Form Z56.

6. **ISebe iWCED liya kuqhubeka ukwamkela ukungeniswa ngekhompyutha (nge-imeyili) kwezicelo zokutshintsha iinkcukacha zebhanki ezingqinelanayo nezithunyelwa ngoosuphavayiza, ngabaphathi bamacandelo okanye ziinqununu. Abasebenzi abasuka kwiCandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo baya kubazisa abaqeshwa ngokutshekishwa kwakhona kweenkcukacha okungaphezulu yaye, ukuba utshintsho lube yimpumelelo, utshintsho kwiinkcukacha zebhanki luya kufakwa kwi-*PERSAL.* ISebe i-*WCED* linelungelo lokuzingatshintshi iinkcukacha zebhanki ukuba inkqubo yokutshekishwa kweenkcukacha ayiphumelelanga. Ukulungiselela iinjongo zokhuseleko ubume bezi nkqubo zotshintsho lweenkcukacha zongezelelekileyo azinakuchazwa kule setyhula njengoko zinoyikubeka esichengeni le nkqubo yaye zincede nabenzi bobuqhetseba.**

7. Ngokumalunga nokwenza imicimbi yebhanki ku-intanethi ngekhompyutha (*virtual banking),* umqeshwa makangenise ileta yebhanki eqinisekisa iinkcukacha zebhanki nengxelo efungelweyo esayinwe ngumqeshwa kunye noMfungisi (*Commissioner of Oaths*) eqinisekisa ukuba iinkcukacha ze-akhawunti zezomqeshwa (ifom yesicelo se-*virtual banking* kunye nengxelo efungelweyo (*affidavit*) maziqhotyoshelwe).

8. I-Form Z56 efakelwe izilungiso inokufunyanwa ize ikhutshelwe (*downloaded*) kwi-*People Management Practices System.*

9. Xa kucelwa utshintsho kwiinkcukacha zebhanki, abaqeshwa mabaqinisekise ukuba abazivali ii-akhawunti zabo zebhanki ezikhoyo de kube kuhlawulwe imivuzo yabo kwii-akhawunti zabo zebhanki ezintsha. Ukuba kuyimfuneko, kungaqhagamshelwana neZiko laBenzelwa iiNkonzo leSebe i-*WCED* kule nombolo 0861 819 919 ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha zebhanki sele zigqityiwe ukutshintshwa kwi-*PERSAL*. **Igosa le-*Client Services* liya kuvunyelwa ukuvuma okanye ukungavumi kuphela ukuba ngaba iinkcukacha zebhanki ezinikwe ngumqeshwa ziyabonakala kwi-*PERSAL* yaye alinako naphantsi kwazo naziphi na iimeko ukunikezela ngeenkcukacha zebhanki kuye nawuphi na umqeshwa okanye umceli.**

10. Le nkqubo intsha iya kuqala ukusebenza ukususela nge**-01 Juni 2024.**

11. ISebe i-WCED lisiqaphela njengesixhomisa amehlo nasiphi na isenzo sobuqhetseba esibandakanya lona okanye abaqeshwa balo yaye lithatha amanyathelo okulawula iziphumo zezenzo ezilolu hlobo ukuqinisekisa ukuba imivuzo yabasebenzi ikhuselekile. La manyathelo olawulo lweziphumo sisixhobo esisebenzayo ekuveleni kweenkqubo kunye neenkqubo zokuqinisekisa ukuba, kule meko, imivuzo yabasebenzi ikhuselekile yaye abo bazama ukwenza ubuqhetseba bajongana neziphumo zezenzo zabo.

12. Abaphathi bamacandelo/iinqununu mabaqinisekise ukuba okuqulethwe kule setyhula kwaziswa bonke abasebenzi babo yaye mabagcine ubungqina bokuba bazisiwe ngale mbalelwano.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY
**IBAMBELE NTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-04-19